eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2018

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

Ixesha: 2½ liyure | Amanqaku: 100

QAPHELA

1. Eli phepha linamaphepha ali-19.
2. Phendula yonke imibuzo esephepheni.
3. Funda ngenyameko, uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
4. Imibuzo yonke mayiphendulwe ngesiXhosa.
5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
6. Pela amagama kakuhle, wenze imihlathi ngokufanelekileyo.
7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule umbuzo **3.1**, umbongo ongamiselwanga.
8. Bhala cocekileyo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ICANDELO A

UMBUZO 1

1.1 **Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ngenyameko uze uphendule imibuzo engezantsi kwazo.**

PHILA UBOMI OBUNGENASO ISTRESI

Ndiphathwa sisistresi amaxesha amabini:

emini nase busuku



Yenza imithambo

[Le mifanekiso ithathwe kwincwadi: *Focus: Life Orientation – Grade 12*]

1. I-*angerstress.com* ithi baninzi kakhulu abantu abaphila nestresi ehlabathini. Ukuba umntu akasilawuli istresi ubeka impilo yakhe engozini. Istresi senza umntu athande ukusoloko ehleli yedwa elilolo, angakwazi ukulala ebusuku (*insomnia*) futhi uye atyebe kakhulu. Uphando lubonisa ukuba istresi sibangela izifo ezinganyangekiyo. Ezi zizifo ezifana nesifo sentliziyo, kunye noxinzelelo lwegazi (*high blood pressure)*. UBridget Edwards uthi istresi simenza umntu angakwazi ukucinga ngekamva lakhe, sibangela ukuba umntu angabi nabo abahlobo kwaye singambulala umntu.

2. Indlela yokuphelisa istresi kukudibana nabanye abantu. Umzekelo, umntu angaya ecaweni okanye achithe ixesha ngokuzonwabisa nabahlobo bakhe. Xa umntu ephakathi kwabanye abantu, uphazamisa ingqondo angacingi ngeengxaki zakhe. Abahlobo bancokola iindaba zolonwabo kuhlekwe intsini ngalo lonke ixesha. Kukho intetho ethi ukuhleka lelona yeza lingcono/libhetele ebomini bomntu.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3. Ukufunda incwadi nako kungamnceda umntu onestresi. Ukufunda kuyamthatha umntu kumbeke kwelinye ilizwe. Umzekelo, xa umntu efunda incwadi emalunga nokudada, oko kwenza ingqondo yakhe icinge ngokudada. Xa umntu efunda incwadi ethetha ngeentaba, amahlathi nemilambo, ingqondo iye icinge ngezi zinto kuthethwa ngazo. Ezinye iincwadi zithetha ngabantu abaye bacebise ngeendlela zokulwa neengxaki zobomi. Umntu xa ediniwe okanye enesithukuthezi makafunde incwadi.

4. Kufuneka umntu andwendwele iindawo ezinomtsalane. Ukuya eholideyini kungayindlela elungileyo. Akukho mfuneko yokuba iholideyi ibe duru. Umntu angaya nje ezindaweni ezintle okanye akhempishe. Kuyafuneka ukuba umntu akhe aye ezivenkileni abuke iimpahla. Nokuba umntu akanayo imali yokuthenga, into efunekayo kukuba abethwe ngumoya. Ukuya kubukela iimuvi/imiboniso bhanya-bhanya nako kubalulekile. Akufuneki ukuba umntu azivalele endlwini acinge ngezinto ezimhluphayo ebomini.

5. Ukuzilolonga kwehlisa istresi. Akufuneki ukuzilolonga kube duru okanye kube sejimini. Ukubaleka, ukuhamba-hamba neyoga zezinye zezinto ezithobisa istresi. Ezi zinto umntu angazenza engakhange akhuphe mali ininzi. Bantu bakuthi masenze ukuzilolonga kube yinxalenye yobomi bethu.

6. Ezinye izinto umntu angazenza kukukhalarisha, ukuzoba nokubhala ijenali okanye ukwenza igadi.

7. Abantu bacaphuka msinya xa bengalali okanye bengatyi ngendlela. Iinkqubo zeTV ezilandelelanayo zimenza umntu angaphumli abe nestresi. Abantu abaninzi abalali ngokwaneleyo kuba babukela iTV kude kube sebusuku kakhulu. Bayazibuza ukuba kutheni bevuka benomsindo. Lala iiyure ezisixhenxe ukuze ube nengqondo ephilileyo kwaye ungabinaso istresi.

[Eli nqaku lithathwe <www.bona.co.za>]

Iglosari:	
-dada	-qubha
-ngcono	-bhetele
isithukuthezi	ukuziva uwedwa
umtsalane	-nika umdla
-thobisa	-hlisa
ukucaphuka	ukuba nomsindo

1.1.1 Kumhlathi woku-1:

(a) Xela into enokwenzeka ukuba umntu akakwazi ukusilawula istresi. (1)

(b) Nika izinto zibe **mbini** ezithanda ukwenziwa ngumntu onestresi. (2)

(c) UBridget uthi isitresi simenza ntoni umntu? Nika impendulo ibe nye. (1)

1.1.2 Kumhlathi wesi-2. Chaza ukuba umntu angenza ntoni ukuphelisa istresi. (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

1.1.3 Kumhlathi wesi-3. Ukufunda kungamnceda njani umntu onestresi? (1)

1.1.4 Kumhlathi wesi-4.

(a) Umbhali uthi ukuya eholideyini akunyanzelekanga ukuba kube duru. Bhala phantsi into ibe **NYE** enokwenziwa ngumntu engekho duru/engabizi mali eninzi. (1)

(b) Nika **isichasi** seli gama: Duru (1)

1.1.5 Kumhlathi wesi-7. Nika izizathu ezibini ezibangela ukuba abantu bacaphuke msinya. (2)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

1.2 **Funda le ncoko yaba bafundi, ukugqiba kwakho uphendule imibuzo.**

UKULUNGISELELA IKAMVA



[Le mifanekiso ithathwe kwincwadi: *Focus: Life Orientation – Grade 12*]

LONA: Abazali bam bathi ukuba ndifuna ukuba nekamva eliqaqambileyo kufuneka ndizimisele ezincwadini zam.

SOSO: Ndiyazi ukuba kunzima ukufumana imali eninzi xa uyimvumi, kodwa umculo ndawuthanda ndisemncinci.

SAM: Mna ndithanda indalo, ndifuna ukwenza izifundo ngendalo.

LONA: Ndisebenza nzima ukuze ndipase kakuhle kwiMatriki kuba ndifuna ukufundela ukuba ligqwetha eyunivesithi.

SOSO: Mna ndiza kwenza i*sound engineering*. Ndiza kufunda e-UNISA ukuze ndifumane imisebenzi ndisebenze ndikwazi ukuncedisa ekhaya ngemali.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

SAM:	Mna ndiza kwenza i*Diploma* yeminyaka emithathu kwizifundo zokulondoloza indalo. Ndinqwenela ukufunda apho ndiza kufumana ithuba lomsebenzi ukuze ndibe namava kumsebenzi endiwufundelayo.
LONA:	Ndiza kufunda ndihlala ekhaya. Ndiyathemba ukuba ndakufumana ibhasari eza kundibhatalela eyunivesithi.
SOSO:	Mna kuza kufuneka ndithathe i-*study loan* ukuze ndihlawulele izifundo zam.
SAM:	Ndiza kwenza uphando ngenkxaso-mali (*scholarship)* endinokuyifumana ukuze nam ndikwazi ukuhlawulela izifundo zam.

[Sithathwe kwincwadi ye*Life Orientation, Grade 11 saze sahlelwa ngabakwa-IEB*]

1.2.1 Abazali bakaLona bamnqwenelela ikamva elinjani uLona? (1)

1.2.2 USoso uthi wawuthanda esengakanani umculo? (1)

1.2.3 USam ufuna ukufundela ntoni? (1)

1.2.4 USoso uthi uza kuncedisa njani kwikhaya lakhe? (1)

1.2.5 Nika isizathu esibangela ukuba uSam arhalele/anqwenele ukufunda apho aza kufumana ithuba lomsebenzi. (2)

1.2.6 Chaza ukuba uSoso ufuna ukwenza ntoni, kwaye uza kufunda phi. (2)

1.2.7 USoso uthi uza kuzihlawulela njani izifundo zakhe? (1)

1.2.8 USam yena uza kwenza ntoni ukuze afumane imali yokuhlawulela/ yokubhatalela ezakhe izifundo? (1)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

1.3 **Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo.**

KUNZIMA EKAPA AMANZI ANQABILE!!



[Umfanekiso ngabakwa Aniwa Essop/AP]

Ingxaki yamanzi eKapa ibeka ubomi babahlali kwingozi yokuhlaselwa zizifo!!

1. Iya ibambi imeko yokuphila kubantu baseKapa ngenxa yokunqaba kwamanzi. Amadami ome nko, iitephu nazo aziphumi manzi. Oku kunqaba kwamanzi yinto engazange icingwe ukuba ingaze yenzeke kwisixeko saseKapa. Kucingwa ukuba umhla we-9 kuJulayi iya kuba yimini apho kungazi kubakho manzi kwiindawo zonke. Kukho amafama anikela ngamanzi kwiindawo zokukhenketha. Le dolophu yaseKapa inomtsalane kubakhenkethi abaqikelelwa kwi-2 million ezimbini ngonyaka.

2. UMeya wesixeko saseKapa, uPatricia de Lille, uxelele abahlali baseKapa noosomashishini ukuba amanzi aza kufumaneka ngamaxesha athile. Abahlali bayakhalaza kuba kulindeleke ukuba bawabhatalele amanzi kodwa bawafumana ngamaxesha athile kuphela. Enye into ekhalazelwa ngabahlali kukubhatala imali eninzi kodwa bafumana amanzi amancinci. Into ekhathaza abahlali kukuba ngoku kufuneka bangazinkcenkcesheli iigadi zabo. Umntu okhe wabonwa enkcenkceshela uza kumangalelwa nguMasipala aze ahlawuliswe/abhataliswe imali eninzi.

3. Into ekhokelele ekubeni avalwe amanzi yimbalela, imvula ayini/ayinethi. Imizi-mveliso nayo inegalelo ekungcolisweni kwemilambo kuba zininzi izinto ezimdaka ezilahlwa emilanjeni xa kusetyenzwayo. Apha sithetha nge-oli neetyuwa ezithile eziphumayo xa kusenziwa izinto ezithile. UPatricia de Lille uthe abantu baza kufumana amanzi aziilitha ezingama-50 ngosuku. Abantu baseKapa baye bakhalaza besithi, "Siza kuphila njani ngamanzi amancinci kangaka!" Abanye bathe, "Lityala likarhulumente eli kuba khange awalungiselele amaxesha embalela". Kukho nabanye abathe, "Ngabahlali basezilokishini

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4. Umbuzo wam ngulo, "Njengokuba amanzi esetyenziswa ekuseleni, ekuphekeni nasekucoceni iindawo esihlala kuzo, abantu baseKapa baza kuphila ubomi obunjani? Andithi siyalima ukuze sitye, ngaphandle kwamanzi ezo zilimo soze ziphile. Kukho abantu abanamashishini okuhlamba iimoto, la mashishini aza kusebenza kanjani ngoku? Omnye usomashishini uthe kuye kwafuneka ukuba ayekise abanye abasebenzi, kuba ngoku ishishini lakhe alihambi kakuhle.

[Sithathwe kwi*Daily Maverick*,18 January 2018, saze salungiselelwa isiXhosa FAL ngabakwa-IEB]

Iglosari:	
-ome nko	akanawo amanzi aphelile
abaqikelelwa	abanokuba kwi-

1.3.1 Funda umhlathi woku-1.

(a) Nika isizathu esibangela ukuba imeko yokuphila yabantu baseKapa ibe mbi. (1)

(b) Nika umhla nenyanga apho kuthiwe zonke iindawo azisayi kufumana manzi. (1)

1.3.2 Funda umhlathi wesi-2.

(a) Nika igama leMeya yaseKapa. (1)

(b) UMeya ubaxelele ntoni abahlali noosomashishini? (1)

(c) **Bhala** izinto zibe **mbini** ezikhalazelwa ngabantu baseKapa. (2)

1.3.3 Funda umhlathi wesi-3. Kutheni amanzi evalwa kwesi sixeko/eKapa? (1)

1.3.4 Funda umhlathi wesi-4.

(a) Aluncedo njani amanzi ebantwini? Nika izinto zibe mbini kuphela. (2)

(b) Omnye usomashishini ubayekisile abanye abasebenzi bakhe kuba:

Khetha impendulo kwezi:

(i) ube nomsindo kakhulu.

(ii) bayawamosha amanzi.

(iii) ishishini lakhe aliqhubi kakuhle. (1)

[10]

30 amanqaku

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ICANDELO B

UMBUZO 2 USHWANKATHELO/ISISHWANKATHELO

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze usishwankathele ngawakho amazwi. Bhala amagama angama-60 ukuya kumagama angama-70.

QAPHELA:

- Ungabhala izivakalisi **ezintlanu ezinomthamo;**

  OKANYE

- **Umhlathana;**

  OKANYE

- **Incoko**

Xa ushwankathela yenza oku:
- Fundisisa isicatshulwa ude usiqonde ukuba sithetha ngantoni.
- Sebenzisa amazwi akho kangangoko unakho.
- Musa ukujikeleza/ukushwaqa, hlala emxholweni ungalibali luphinda-phindo olungenamsebenzi.
- Ubuchule kukuba uqale usibhale ecaleni phambi kokuba ubhale owona msebenzi uqonda ukuba ufezekile.
- Nceda ulibhale phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakuba ugqibile ukubhala ushwankathelo.

UBRENDA NGXOLI

Zininzi izinto ezenzeka kubomi buka Brenda. UBrenda uhlaziyeke ngokutsha, unowona mzimba mhle kunye nenkqubo entsha kwiTV eza kwaziswa kule nyanga. ***ULinga Mali*** *uncokola naye.* ***Umfoti ngu-Andile Mthembu.***

Emva kokuba igama likaBrenda lithe laphakathi kwabantu abaza kufumana iMbasa ze-*Emmy* uye walishiya elaseRhawutini. UBrenda unesakhono esigqwesileyo sokulinganisa. Uye wagoduka waya kowabo eTsomo, wenza umsebenzi okhoyo ngelo xesha. Waba kwintengiso yeKFC. Ngoku ukumdlalo omtsha ku-*e.tv* obizwa i*Hustle.* UBrenda ngumntu othobekileyo kodwa uyazazi ukuba ungubani. UBrenda akafane athathe okanye enze isigqibo engacinganga kakuhle. Mamela nali ibali lakhe ethetha noLinga Mali:

Wagqibela ngo-2010 ukuba kule magazini, ukhule kangakanani ukusuka apho?

Ngelo xesha ndandisasaza eReal Gobhoza (RGB) ku-SABC 1. Le nkqubo yandinika umngeni wokuba ndizazi ukuba ndingubani. Ubomi bam baye bajika kuba kwakufuneka ndibe ngumlinganisi ndiphinde ndibe nguBrenda Bongiwe Ngxoli. Ndichithe ixesha ndizama ukuphila ubomi obungebubo obam. Abantu ke bayandibuza ukuba ndizibona ndiphi kwiminyaka emihlanu. Ndiye ndithi, "ndizibona ndinoxolo ngaphakathi", kodwa ibingamagama nje lawo kuba akukho nto ebendiyenza

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Ubusasaza ngobomi babantu abangoosaziwayo/abadumileyo kodwa ungavumelananga nabo?

Ukuqala kwam kule nkqubo yeRGB ndandicinga ukuba ndiza kuthetha ngezinto ezintle, ndithethe ngemisebenzi eyenziwa ngoosaziwayo. Ndandingazi kuthetha ngeempahla abazinxibayo, ngeenwele nezihlangu kwi-*red carpet*. Laphela ixesha lam kuba kusithiwa andiyilungelanga iRGB. Loo nto zange indikhathaze; le nkqubo ndayithanda kuba yaveza eyona nto ndiyiyo. Kwakunzima ekuqaleni ukuyamkela le nto kuba ndandifuna indlela yokusasaza kwi-TV. Amaphephandaba ayesithi ndisithetha kakubi isilungu ngathi ndithengisa iitapile esitratweni. Yayivakala njengesithuko le ntetho kum. Enyanisweni ndikhulele eMuizenberg ndithetha isilungu ngalo lonke ixesha, ndiye ndathetha isiXhosa kakhulu kuba lulwimi lwam lwasekhaya. Andikukhathalelanga ukuba ngusaziwayo/umntu odumileyo, kodwa oku kungumngeni kum.

Yintoni oyaziyo ngoku nonqwenela ukuba ube wawuyazile kwiminyaka emihlanu edlulileyo?

Intetho endiyithandayo ithi zingce, zithande kwaye ungoyiki. Ndifunde ukuba ukuzithanda, uThixo kunye nezinyanya kubalulekile kakhulu emhlabeni. Kuko izinto endingaphila ngaphandle kwazo, kodwa andinako ukuphila ngaphandle kwamazwi abantu abadala baselalini kuba ayandiphilisa. Ndibulela kakhulu ngothando nangamathuba endiwafumeneyo ebomini bam.

Ungumntu ozimiseleyo ebomini, wenza ntoni ukuzonwabisa?

Ndithanda ukukhwela ibhayisekile, ukubaleka nokufunda iincwadi. Ngoku ndilapha ekhaya eTsomo ndifunda lukhulu ngemfuyo, ngamasiko am nokuba ngumXhosa.

[Sithathwe kwiMagazini i*Bona*, Septemba 2015, saze salungiselelwa isiXhosa FAL ngabakwa-IEB]

10 amanqaku

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ICANDELO C

UMBUZO 3

Phendula yonke imibuzo ekweli candela.

3.1 **UMBONGO ONGAMISELWANGA**

Unyanzelekile ukuba uwuphendule lo mbuzo:

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

UKUBALULEKA KONXIBELELWANO

1. Ngubani na ongafuni ukubaluleka?
   Ngubani na ongafuni ukukhunjulwa?
   Ngubani na ongafuni ukusebenzisa unxibelelwano?
   Sisidenge sodwa eso.

2. Abanye bayandicaphukela bathi ndibabizela ootsotsi,
   Abanye bayandithanda bathi nditshintshe ubomi babo,
   Abanye bayandirhalela kodwa ingxaki yimali,
   Wena selula ufanelwe luzuko.

3. Namhlanje sithetha ngoo"*Facebook",*
   Namhlanje sithetha ngoo"Twitter",
   Namhlanje sithetha ngee"i-meyile",
   Ngenxa yempucuko eyeza netekhnoloji.

[M. Mdliva]

3.1.1 Kwisitanza soku-1.

(a) Nika izixhobo zokubonga ezisetyenziswe yimbongi zibe **zibini**. (2)

(b) Imbongi ithi ngumntu onjani ongafuni ukusebenzisa unxibelelwano? (1)

3.1.2 Kwisitanza sesi-2.

(a) Nika isizathu esibangela ukuba abanye abantu balucaphukele/ bangaluthandi unxibelelwano. (1)

(b) Nika isizathu esibangela ukuba abanye abantu bayithande iselfown (cellphone). (1)

(c) Imbongi ithi iselfown ifanelwe yintoni? (1)

3.1.3 Kwisitanza sesi-3.

(a) Xela izinto zibe mbini ekuthethwa ngazo. (2)

(b) Imbongi ithi le mpucuko yeza nantoni? (1)

3.1.4 Imbongi ithetha ngonxibelelwano ngokungathi ithetha ngomntu. Isebenzise esiphi isixhobo sokubonga? Sisifaniso okanye isimntwiso? Khetha! (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

IMIBONGO EMISELWEYO

3.2 **Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:**

***PHANTSI KWENTAB' ETAFILE* ngu-A. B. STUURMAN no-F. P. MAGQASHELA**

UMFUNDI

1. Nanzo iintsimbi zikhala
Nanzo zikhenkceza zimema
Nanzo zibiza zikhwaza
Baleka mfundi washiywa.

2. Wehla wenyuka zindulana
Wabil' umaphikana udiniwe
Wawa wavuka waphathelela
Baleka mfundi kuza kulunga.

3. Umgodlwan' emhlana ubheke phambili
Ungabuyi ngamva ukuz' uqaqambe
Yamkela nalo ukhanyiso lwengqondo
Thabatha nalo ilifa ulinikwa.

4. Baleka mfundi washiywa lixesha
Ngxama mfundi ungaphoswa lithuba
Qiqa uqaphele okuvayo nokuxelelwayo
Gqala izifundo uzinonophele.

5. Isizwe simile silindile
Isizwe sijamile sifuna wena
Isizwe silinde wena mrholi
Sirhole uye naso ezinkwenkwezini.

6. Xa izandla zihlambana
Zicoceka zozibini
Xa kusetyenziswana
Kukhula kokubini.

7. Ncekelela nokuba kunzima
Nyamezela nokuba kulilitye
Nyanzelisa nokuba kuyoyisa
Thobela izifundo wovuya ngomso.

[F. P. Magqashela]

3.2.1 Kwisitanza soku-1 imbongi ithi, "Nanzo iintsimbi zikhala". Ingaba ezi ntsimbi zezaphi?

Khetha:

(a) zezasecaweni

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.2.2 Kwisitanza sesi-2. Nika isixhobo sokubonga esisetyenziswe yimbongi kumgca/kumqolo wesithathu. (1)

3.2.3 Kwisitanza sesi-3.

(a) Ucinga ukuba olu khanyiselo lwengqondo ithetha ngalo imbongi yintoni? (1)

(b) Caphula igama elithetha into enye neli, "uphumelele". (1)

3.2.4 Kwisitanza sesi-4.

(a) Caphula igama elithetha into enye neli, "khawuleza" ngokwalapha kwisicatshulwa. (1)

(b) Shwankathela ngesivakalisi esinye okuthethwa yimbongi kwesi sitanza. (2)

3.2.5 Kwisitanza sesi-6. Nika intsingiselo yale miqolo:

"Xa izandla zihlambana
Zicoceka zozibini." (1)

3.2.6 Kwisitanza sesi-7. Uthini umyalezo wembongi kwesi sitanza? (2)
[10]

3.3 **Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:**

UNONZWAKAZI

1. 'Owu! Nzwaki ntombi yam,
Wena uthandwa ndim'
Yatsho le nkosana
Ingasaphanyazi imthe ntsho.

2. 'Owu! Nonzwakazi wam,
Wena ulithemba lam'
Watsho lo mfo
Ngeengal' emthe khu.

3. Iliso lisela kanene
Litsalwe yintyatyambo
Kanye phesheya phaya
Kwanentliziyo yalandela

4. Wabibitheka bethu noNzwaki
Sel' ekruneke nentliziyo
Uwile nawo umoya
Eshiyw' enyanyen' ekhedamile

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

5. Utsibe umtsi wamnye
Watshona naye phakath' elizweni
Limkhweba limbiza, lamthuthuzela
Walibala ngezolo wahleka namhlanje 20

6. Wangcolelwa kalok' umfana
Wakhumbul' emv' ekhaya
'Ndosuka ndiye kubawo
Ndithi kuye ndonile'
Imthimbile naye ingcinga. 25

7. Wabuya kaloku sel' ekhangela
Ezingqaqeni nasezigangeni
Sekuphele nezangotshe
Kambe namabhong' ewile.

8. Uthando kambe lusibhanxa 30
Alukhathalele nakuphoxwa
Nentliziy' ibisanyekile bethu
Nomoy' iwexuwexu ungekancami.

9. Wabuya kaloku yena
Sel' ezel' izicengo 35
Ukuz' aphululw' amanxeba
Emke ngoms' emhle kwakhona.

10. 'Owu! Nzwaki ntombi yami,
Wena unto zonke kum
Nonzwakazi thando lwam 40
Ndamkele Nzwaki mcholi wam'

11. 'Owu! Nzwaki wam nceda,
Ntyatyambo yam yelizwe
Owu! Nzwaki wena uthandwa ndim
Ndofika kunye nawe ekhaya'. 45

[F. P. Magqashela]

3.3.1 Kwisitanza soku-1. Caphula umgca/umqolo othetha ukuba le nkosana yayimjongile lo mntu ithetha naye. (1)

3.3.2 Kwisitanza sesi-2.

(a) Lo mfo uthi uNzwaki uyintoni kuye? (1)

(b) Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, "Ngeengal' emthe khu"? (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.3.3 Kwisitanza sesi-3. Nika isixhobo sokubonga esisetyenziswe yimbongi kumgca/kumqolo wokuqala. (1)

3.3.4 Kwisitanza sesi-4. Shwankathela **ngawakho amazwi** okuthethwa yimbongi kwesi sitanza. (2)

3.3.5 Kwisitanza sesi-6. Nika intsingiselo yeli gama, "Wangcolelwa", kwakubi **okanye** wamdaka. Khetha! (1)

3.3.6 Kwisitanza sesi-7. Caphula imigca/imiqolo ibe **mibini** ebonisa ukuba lo mfo wayemfuna kuyo yonke indawo uNzwaki. (1)

3.3.7 Kwisitanza 8. Imbongi ithi, "uthando kambe lusibhanxa". Kutheni imbongi isithi uthando lusibhanxa? (1)

3.3.8 Kwisitanza 9. Chaza ukuba kutheni lo mfo emcenga uNonzwakazi. (1)

[10]

30 amanqaku

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ICANDELO D

UMBUZO 4

Jonga lo mfanekiso uze ugqibezele izivakalisi ezilandelayo ngokufaka isezi okanye isibizo esifanelekileyo.



[Le mifanekiso ithathwe kwincwadi: *KwaXhosa zibenza zibutya, ibanga 8*]

4.1 Indoda e … ikepusi yamkela iphepha. (1)

4.2 Le ndoda inedyasi emhlophe i … iziqhamo. (1)

4.3 Le nkwenkwe i … incwadi. (1)

4.4 Aba bafundi bakwigumbi loku … (1)
[4]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 5

Bhala kwakhona ezi zivakalisi uze ufakele **izimamva** ezifanelekileyo. **Khetha** kwezi:

-ela, -isa, -wa, -eka, -ana

5.1 Utata u(thenga) iimoto. (1)

5.2 UNancy u(bhala) umama wakhe ileta. (1)

5.3 Le ncwadi iya(funda). (1)

5.4 UThoko noMary baya(betha). (1)
[4]

UMBUZO 6

Bhala kwakhona ezi zivakalisi **kwisilanduli**.

6.1 Kuyabanda. (1)

6.2 Ngumntwana wam lo. (1)

6.3 Uyazifunda iincwadi zakhe. (1)
[3]

UMBUZO 7

Gqibezela le tafile njengakumzekelo:

Umzekelo: inja	**Le**	**yinja**	**yam**	**endiyithandayo**
Umntu	7.1	ngumntu	7.2	7.3
Ihashe	7.4	lihashe	7.5	7.6

[3]

UMBUZO 8

Bhala kwakhona esi sivakalisi sibe kula **maxesha alandelayo**.

Abahlali baseKapa bakha amanzi okusela elwandle.

8.1 Ixesha elizayo. (1)

8.2 Ixesha elidlulileyo. (1)

8.3 Ixesha ebelidlula. (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 9

Sebenzisa ezi zibizo ukwakha **izalathandawo**.

Umzekelo: Idolophu: edolophini.

9.1 Umlambo (1)

9.2 Indlu (1)

9.3 Udonga (1)
[3]

UMBUZO 10

Bhala esi sivakalisi **kwingxelo-ntetho**:

10.1 UMary: "Ndithanda isikolo." (1)

10.2 USipho: "Ifika nini itreyini?" (1)

10.3 Ipolisa: "Dlamini, khupha lo mntu emotweni!" (1)
[3]

UMBUZO 11

Lungisa amagama akwizibiyeli ngokufakela **izivumelanisi** ezifanelekileyo ukuze le intetho ivakale intsingiselo yayo.

11.1 Ndidiniwe (funa) ukulala. (1)

11.2 UMirriam ngumntwana (thandekayo). (1)

11.3 Evenkileni bathengisa isonka (dala). (1)

11.4 NgoMgqibelo siya (Kapa) (1)
[4]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 12

Bhala kwakhona ezi zibizo uze unike **isininzi** sesibizo.

12.1 Uzipho (1)

12.2 Isono (1)

12.3 Ilizwe (1)
[3]

30 amanqaku

Ewonke amanqaku: 100

Downloaded from eduresourceza.com